




# SIYANDA BAKGATLA PLATINUM MINE

## KUTHENI KUFUNEKA NDISEBENZISE ISOGQUMIBUSO SELAPHU XA NDIPHAKATHI KWABANTU?



**Eyona nzuzo iphambili xa wonke umntu enxibe isogqumibuso kukwehlisa ubungakanani bamathe anentsholongwane ye Coronavirus okanye eyomkhuhlane aphuma kumntu okhohlelayo owosulelekileyo.**  
Njengoko abanye abantu abanentsholongwane ye Coronavirus kungenzeka bangabinazo iimpawu okanye ulwazi lokuba banayo, wonke umntu kufuneka anxibe isogqumibuso.

## ISEBE LEZEMPILO LIKAZWELONKE LIKHUTHAZA UKUBA



**aboMzantsi Afrika mabanxibe izogqumibuso ZELAPHU** xa bephakathi kwabantu ukuthintela ukusasazeka kwe COVID-19.

## ISEBE LEZEMPILO LIKAZWELONKE LIKHUTHAZA UKUBA



Wonke umntu makanxibe isogqumibuso **SELAPHU** xa ephakathi kwabantu.



Ukuhlamba izandla nokumela kude ebantwini **isezezona ndlela zibaluleke kakhulu ukuthintela ukosuleleka yi COVID-19.**



**Uluntu jikelele malungazisebenzisi izogqumibuso zohlobo lwe N-95 nezogqumibuso zezoqhaqho;** izogqumibuso zezamayeza zibekelwe kuphela abasebenzi bezonyango.

## SISETYENZISWA

### NJANI ISOGQUMIBUSO SELAPHU

- Isogqumibuso masogqume impumlo nomlomo ngokupheleleyo.
- Isogqumibuso masingehliswa xa uthetha, ukhohlela okanye uthimla.
- Izogqumibuso mazingasoloko ziphathwa phathwa rhoqo – ukusoloko usiputyaputya isogqumibuso akukhuthazwa konke konke.
- Ingaphakathi lesogqumibuso malingachukunywisa ngezandla.
- Zihlambe izandla emva kokukhulula isogqumibuso.
- Sihlambe isogqumibuso selaphu ngamanzi ashushu anesepha ze usi ayine xa sele somile.
- Umntu ngamnye kuzakufuneka ukuba abenazo nokuba zi 2 izogqumibuso ukwenzela ukuba xa sihlanjwe esinye isogqumibuso sibekhona esinye.